

# Ukufunda ngokwamaqela ngoncedo lukatitshala

## Phambi kokufunda

- Tyhila ibali abaza kulifunda. Thetha ngemifanekiso.
- Cela abafundi baqashisele ukuba lingantoni na ibali ngokujonga kwizihloko nemifanekiso.
- Cacisela abafundi amagama amatsha okanye anzima phambi kokuba baqalise ukufunda.
- Yenza amakhadi amagama ukufundisa isigama esitsha. (Jonga uluhlu lwesigama esitsha kumphakathi woqweqwe lwangasemva.)

## Xa kufundwa okokuqala

- Abafundi mabafunde incwadi ngabanye-ngabanye.
- Abafundi mabafunde ngokuthe cwaka okanye bafunde incwadi ngokusebeza.
- Yiya kumfundi ngamnye umcele ukuba afunde umhlathi encwadini ekhwaza.

## Ingxoxo

- Buza imibuzo evavanya ukuqonda esekelwe encwadini.
- Gxininisa kwizandi, amagama angaqhelekanga okanye anzima nakwisigama.
- Uya kufumana imisebenzi engemva kule ncwadi iluncedo ekukhokeleni ingxoxo. (Khetha imisebenzi elungele umgangatho wabafundi).

## Xa kufundwa okwesibini

- Kwiintsuku ezilandelayo, bayeke abafundi bafunde kwakhona, ngababini okanye emnye.
- Gxininisa ekufundeni kakuhle, igrama nesigama.
- Bayeke abafundi bagqibezele imisebenzi equkwe ngemva kule ncwadi ngokwamaqela. Khetha imisetyenzana efanele umgangatho wabafundi.



*Abafundi mabenze umdlalwana ukuba incwadi iyakuvumela oko.*



*Abafundi mabenze imisebenzi yokufunda ngokwamaqela emva kwesifundo. Bayalele abafundi basebenze ngokwamaqela benze imisebenzi efanelekileyo yokufunda ngokwamaqela efumaneka ngemva encwadini. Mabangabhali kule ncwadi. Imisebenzi ebhalwayo mayenziwe kwiincwadi zabo zemisebenzi.*

UJoseph, uThabo, uMartha noMohammed ngabantwana abathanda ukuhlola izinto kakhulu. Bayakuthanda ukunyuka intaba, ukudada edamini nokuntywila elwandle.

Ngenye imini aba bantwana bane bagqiba ekubeni bathathe uhambo ngenqanawa elwandle ukuze babone ihlabathi.

"Masijonge imephu sibone ukuba singayaphi kuhambo lwethu ngamanzi", utshilo uThabo.

Bapakisha imephu, ikhampasi, imelana ehlala epokothweni, iibhegi zokulala ezi-4, ithotshi, ikhamera nokutya okwaneleyo kwenyanga.

"Singazilibali izikhuseli zethu zokuqubha", utshilo uJoseph.

Bepakishe konke futhi bonwabe kakhulu, abantwana abane baqalisa uhambo lwabo ngamanzi ukutshona kwelanga.

Bahla besenyuka behamba emazeni. Bahamba ubusuku bonke.

Yayibubusuku obunoqhwithelo. Umoya wavuthuza aze amaza ayithwaxa ngamandla inqanawa.

UMohammed wabona isibane esidanyazayo kude. Yayiyenye inqanawa futhi isiza ngakubo. Wanqakula itheleskophu wenyuka waya kwindlwana kanomyayi ukuze ayibone kakuhle.

"Ingaba loluphi udidi lwenqanawa?" wabuza uMartha.

Ingayinqanawa ejikeleza yonke indawo okanye inqanawa ethwala izithuthi," utshilo uJoseph.



Inqanawa yasondela. Ayemaninzi amadoda ngaphakathi. Abantwana boyika kakhulu bakubona inkangeleko yawo.

"Lumkani! Abaphangi baselwandle!" wakhwaza uThabo.

"Ziintoni abaphangi baselwandle?" wabuza uMohammed.

"Abaphangi baselwandle ngamasela aba izinto kwabanye abahambi ngolwandle," utshilo uThabo.



"Masizilungiselele silwe
naba baphangi baselwandle
ngokuhlwanje," utshilo uThabo.

Amakroti aselula azixhobisa
ngeesabile zawo zeplasitiki
elungiselela ukulwa.
"Kapteni Joseph khokela indlela!
Siza kuhlala ezithendeni zakho!"
bakhwaze batsho uMohammed,
uMartha noThabo.

"Baphangi baselwandle, hambani!" bakhwaza abantwana.

"Thabo, biza unogada waselwandle ngokukhawuleza!" wayalela njalo uKapteni Joseph.

Kwimizuzu embalwa, abantwana beva isandi esikude sehelikopta yohlangulo. Zehla izibilini bakubona abaphangi baselwandle bejika inqanawa yabo bengxamile kweso sithokothoko sobumnyama. UKapteni Joseph yindoda enamacebo!

"Huree!"
"Sikhuselekile! Abaphangi baselwandle bemkile!" bakhwaza abantwana bechwayitile.

UKapteni Joseph liqhawe lethu! Xa sinaye njengenkokheli, akukho ngozi!" bakhwaza kwakhona.

Kwakusele kuza kusa. Noqhwithelo lwalusele ludambile. Ingozi idlulile.

Abantwana baqhubeka nohambo lwabo, bevuyela ukubuyela kuhambo lwabo kwakhona, bahlole ihlabathi lilonke.

Basuka emaNtla ukuya emaZantsi baze badibana nabanye abantwana abasuka kumazwe awohlukeneyo.

Bathi bakufika ekhaya, babalisa amabali baze babonisa abazali nezihlobo iifoto zabo.

Bebekutyelelo abangasayi kuze baphinde balulibale!

Xa kukho into oyoyikayo, elo lithuba lakho lokuba UBE LIKROTI!

# Imisebenzi yokufunda yamaqela



1

a. Xelela umhlobo wakho ukuba ulithandile na ibali okanye akulithandanga.
b. Ukuba ubunguKapteni Joseph. Ubuza kwenza ntoni?
c. Masithi ihelikopta yohlangulo ayizange ifike. Ucinga ukuba ngekwenzeka ntoni?
d. Ingaba ucinga ukuba eli bali yinto eyayenzekile? Nika isizathu sempendulo yakho.
e. Landelelanisa le mifanekiso ilandelayo ngokwasebalini.






2

Jonga le mifanekiso mi-2. Cinga ngale mibuzo ilandelayo uze uxoxe iimpendulo zakho nomhlobo wakho.





a. Kwenzeka ntoni kumfanekiso ngamnye?

b. Ucinga ukuba abantwana baziva njani xa babesenza izicwangciso zohambo lwabo okokuqala?

c. Ucinga ukuba bazive njani xa bebona abaphangi baselwandle?

d. Wakhe waziva wonwabile futhi usoyika? Kwakwenzeke ntoni?



3 Gqibezela lo msebenzi:

a. Fumana amagama ebalini anezi zandi zilandelayo uze uwabhale kwincwadi yakho yomsebenzi:

| | |
|---|---|
| hl | dl |

b. Fumana amagama anezi zandi zilandelayo ebalini uze uwabhale phantsi:

| | | |
|---|---|---|
| nk | ntyw | ngx |

c. Khangela ebalini amagama anezi zandi uze uwabhale:

| | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| tsh | ny | qhw | qh | ny | kr | ph |

d. Bhala la magama alandelayo kwisichazi-magama sakho unike neentsingiselo zawo.

| | | |
|---|---|---|
| emantla | emazantsi | ngokungxama |
| iifoto | abaphangi | |

e. Gqibezela ezi zivakalisi usebenzisa izalathandawo:

| | |
|---|---|
| i. | Siza kuhlala _____ zakhe. |
| ii. | Basuka emantla baya _____. |

f. Bhala ezi zivakalisi zilandelayo kwixesha langoku.

| | |
|---|---|
| i. | Umoya wawuvuthuza. |
| ii. | Babefuna ntoni? |

g. Bhala ezi zivakalisi kwakhona uze ufake iziphumlisi ezifanelekileyo.

| | |
|---|---|
| i. | huree bakhwaza abantwana bonwabile |
| ii. | sikhuselekile |
| iii. | ukapteyini joseph liqhawe lethu |



**4** Funda nomhlobo ze niphendule le mibuzo.


a. Sithini isihloko sebali?
b. Ngoobani abadlali abaphambili kweli bali?
c. Lenzeka phi eli bali?
d. Ucinga ukuba basekhona abaphangi baselwandle? Kuba kutheni?
e. Ucinga ukuba kukhuselekile ukuba abantwana bahambe bebodwa? Nika izizathu zempendulo yakho.



**5** Shwankathela ibali ngawakho amagama. Bhala umhlathi omalunga nezivakalisi ezisi-8. Zoba umfanekiso obonisa esi sishwankathelo.



**6** Zoba umzekelo wekhampasi ebonisa iimbombo zone zomhlaba:
UmNtla, umZantsi, eMpuma naseNtshona.



Inqanaba: 1

# Incwadi 2

| | |
|---|---|
| Isihloko: | Utyelelo elwandle |
| Ulwimi: | IsiXhosa |
| Inqanaba: | Incwadi yamabali yoLwimi Lweenkobe yeBanga lesi-3 Incwadi 1 Inqanaba 2 |
| Uhlobo lwencwadi: | Ibali |
| Amagama ajongwayo: | abantwana, bagqibe ekubeni, yabo, kwanele, ngokuchasene, ebusuku, ngokwabo, -hlukileyo |
| Isigama: | uhlolo, uhambo, ikhampasi, ibhatyi yobomi, itheleskophu, indlwana kanomyayi, abaphangi elwandle, ngokungoyiki, phononongo, ohlukileyo, hlala ezithendeni |
| Izandi: | hl, nk, dl, th, qh, qhw, nk, ntyw, ngx, ny, tsh, ty, kr |
| Umxholo, amagama nezakhono: | ▪ Uvakalisa uluvo malunga nebali.<br>▪ Ubonisa unobangela nesiphumo ebalini.<br>▪ Uyaphicotha, athelekise aze achasanise ulwazi<br>▪ Ukhangela amagama ebalini anezi zandi zilandelayo: qhw, ntyw, th, ngx<br>▪ Bhala amagama kwisichazi-magama sakho.<br>▪ Ugqibezela izivakalisi ngokusebenzisa izalathandawo.<br>▪ Ubhala ngokutsha izivakalisi kwixesha langoku.<br>▪ Ufakela iziphumlisi kwizivakalisi.<br>▪ Uphendula imibuzo yovavanyo lokuqonda.<br>▪ Ushwankathela ibali (1 umhlathi, 8 izivakalisi).<br>▪ Ubonisa ibali ngemifanekiso.<br>▪ Wenza ikhampasi. |

Inkqubo ye-CAPS igunyazisa ukuba ootitshala babe nexesha abalibekela bucala ngosuku ngalunye, kulungiselelwa ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala.

ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala kujolise ekubeni abafundi abakwinqanaba lokufunda elifanayo bafunde isicatshulwa esifanayo ngoncedo lukatitshala.

Utitshala kufuneka enze isicwangciso sokufunda esiquka iindlela zobuchule bokufunda nokuqonda amagama, zokuxhobisa abafundi xa befunda.

Ezi ndlela zobuchule ziquka "incoko ngebali" ephakathi kukatitshala nabafundi, nephakathi kwabafundi emaqeleni abo. Ezi ncwadi ziqulethe iqela lemisebenzi malunga nezi "ncoko ngebali", ukuqonda neminye enokunceda ootitshala ekukhokeleni ukufunda ngokwamaqela emagumbini abo.

## Ezinye iincwadi ezikwithala leencwadi zebanga loku-3 zoLwimi Lweenkobe:

**Inqanaba: 1**
- UMvundlana uqhatha uMpungutye
- Utyelelo elwandle
- Uyolo lwasekhitshini
- Idayari kaNozikhalazo

**Inqanaba: 2**
- Izilwanyana ziqhweshile
- UThandi unemini embi
- Impelaveki esingasoze siyilibale

**Inqanaba: 3**
- Irhamncwa ekhabhathini
- Ityala lokulahleka kwamaqebengwana
- Yinyaniso emsulwa

ISBN 978-1-4315-2642-0
9 781431 526420

Rainbow WORKBOOKS

ISBN 978-1-4315-2642-0

**THIS BOOK MAY NOT BE SOLD.**

basic education
Department:
Basic Education
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

Published by the Department of Basic Education
222 Struben Street, Pretoria
South Africa

© Department of Basic Education
First edition 2016

The Department of Basic Education has made every effort to trace copyright holders but if any have been inadvertently overlooked, the Department will be pleased to make the necessary arrangements at the first opportunity.